



# basic education

---

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**2016**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: liyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-12.**

**IPHEPHA LEMITYALELO NEENGACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:  
ICANDELO A: Isicatshulwa (30)  
ICANDELO B: Ushwankathelo (10)  
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:  
ICANDELO A: Imizuzu 50  
ICANDELO B: Imizuzu 30  
ICANDELO C: Imizuzu 40
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: ISICATSHULWA****UMBUZO 1**

1.1 Funda esi SICATSHULWA A uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

<b>UNQONGOPHALO LWESIDIMA</b>		
1	<p>Isidima sifana nqwa nentlonipho. Intlonipho luhloni athi umntu abe nalo lokuhlonela omnye umntu ukususela kongasekhoyo ukuya kutsho kusana oluzalw'izol'oku. Ukuhlonela kukoyika nokuba neentloni kukwenza into engalunganga, engafanelekanga, embi, emasikizi, engathandekiyo nengabukekiyo phambi komntu okanye esidlangalaleni. Isidima luluvo oluthi lubangwe yintlonipho, athi onentlonipho akwenza nayiphi into efanelekileyo kuthiwe unesidima.</p>	5
2	<p>Isizwe sakwaNtu sisizwe somthetho nentlonipho. Kwakudala intlonipho ibiyinto ebalulekileyo yokudala imbumba yamanyama kumakhaya nakwizizwe. Babembalwa abantu ababengenasidima kudala, babecaca nakubani na. Wayesithi nongenaso azidele akuqonda ukuba ubonelelwe ngabantu, atsho ayidanele loo nto ebeyenzile yaza yamkhupha isidima. Wofumanisa ukuba kwaphela umahluko phakathi kwendoda nenkwenkwe, phakathi komfazi nentombi, phakathi kwexhego nomfana, naphakathi kwexhegokazi nomfazana. Kude kubekho namagama ngamagama abathiywa wona abo bafuna ukuhlala bebatsha bangagugi. Ndlela le abahlupheka ngayo bakubizwa ngegama elithi <i>ngamagriza</i> abo bakhangeleka bengamanina aqinileyo kuba besithi bona abaluphelanga.</p>	10 15
3	<p>Kuphele isidima samakhaya emva, apho lithi ikhaya libe yinto esuka igxunyekwe naphi na, kungabikho nambeko yokubeka abaphantsi ngokuthi umninikhaya azazise apho akhoyo. Kule mihla umninikhaya uyakwazi ukuncaza icuba enkwenkweni akunqanqatheka, alibale ukuba ebefanele ukugcina isidima sobudoda bakhe nomzi wakhe. Kuba ngakumbi xa efika esirhoxweni acele inkwenkwe ukuba ithunge ibhotile okanye isikali abasithengileyo, ajike aqhube amatakane ukugoduka eyimpangampanga. Siza kuvela phi ke isidima kuye? Uza kubekwa njani emzini wakhe yinkosikazi nabantwana?</p>	20 25
4	<p>Isidima saphela nakubantu basetyhini. Akutshiwo ukuba abantu mabangonwabi, mabangatyi izinto abazithandayo, mabanganxibi izinto zabo zexabiso. Ezi zinto zifanele ukuba zenziwe ngesidima. Kubi ukubona intokazi izihambela ibe ingajongelwa ntweni ngabantu nangabantwana, kunga kubonwa umbono owodwa. Eyona nto ingakhangelekiyo yeyokuba abantu basetyhini baye bathande ukukhuphisana neentombi zabo ngayo yonke into abayenzayo.</p>	30 35

	Loo nto ide ibangele ukuba kuphele nentlonipho emakhaya. Umntwana oyintombazana noyinkwenkwe baphelelwa yimbeko yokubeka abazali ngenxa yezinto ezenziwa ngoonina phambi kwabo, wumbi umntwana athi akungxoliswa ngunina angabi nazintloni zokuthi, 'Ndifuze wena.'	40
5	Ulutsha luphelelwe sisidima. Zininzi izinto ezineziqhu ezithi zenziwe lulutsha ezenza amasikizi wakuzibona, zihambise umzimba. Ukudlisela ngothando esidlangalaleni asinto ibukekayo kwaye zininzi iindibano zolutsha kwaneendawo olunokuzonwabela kuzo. Ukunxila esidlangalaleni kwakungenziwa ngaphambili, yaye kule nkulungwane igqithileyo abantu babehlala bahlale bakhumbule nemiyolelo yooNtsikana. Umyolelo yinto enexabiso kwaXhosa, kwaye kukho inkolelo yokuba xa ungathotyelwanga kungadaleka ishwangusha. Uchazile uNtsikana kwamhlamnene ngohlanga oluza luphethe iqhosha elingenamthunja, imbodlela, nomqulu omlom'ubomvu. Zezo zinto kanye ezi ziqhashambulisa ulutsha kuba kophulwa umyolelo.	45 50
6	Kule mihla ukuba ujonge ukugcina isidima sakho, uya kuqabuka sele kophulwe kuba ngeli xesha usabambe ucwangco, kuyonakala phandle, iyemkisola intakazana. Yiloo nto uninzi lwabantu luphetha sele lunganzanga nto kwaphela. Eyona nto iba mbi yile yokuba athi umntu ekwixabiso lokuba kuthiwe 'Mama' okanye 'Tata' kuye ngabantwana abalingana nabakhe, angafuni nokuyiva loo nto. Athi umntwana womntu akumxabisa athi, 'Mama' abuze esithi, 'Akulazi ibala likanyoko?' Wumbi abuze athi, 'unjengam unyoko?' Kubanjalo nakwabo banikwa imbeko yokuthi 'sisi' kuba uya kufumanisa into yokuba abafuni nokuyiva loo nto, basuka babuze bathi, 'unosisi onjengam okanye ongangam?' Baphetha bexakwa nayeyona nto amabayenze abancinci kuba le mbeko ayifunwa. Noxa amadoda ibingawona asigcinileyo isidima, ngoku nawo angxamele ukusilahla ukuba abakasilahli. Wofika bekhala ngoo'Bhut'Vido' okanye u'Bro Vido'. Kungenjalo ubizwa ngegama lakhe, liphelele, lingalunyelwa nokulunyelwa. Iqatsele kwabasetyhini, kunqabe tu ukuva umntu esithi 'usisi Bani' okanye 'umam'uBani', kubizwa eliya leenkobe qha.	55 60 65
7	Eyona nto ibuhlungu yeyokuba ezi ntlanga sityhuthula kuzo zonke izinto zazo njengoko zinjalo, zona azikopi zonke ezethu izinto, zithatha nje ezincinane ezinomdla kuzo, ze uninzi lweendlela esiphila ngazo zonke ziluyeke. Zinawo ke nomdla wokwazi ubume bethu nendlela esiphila ngayo, zaye azisikhathalele nganto, kodwa thina sihleli nje sifuna ukuphila ubomi bazo side sibe ngamahamte ahilitekileyo angenantlonipho nasidima.	70 75
	[Sicatshulwe kwincwadi ethi <i>AMAQHEKEZA ETHU</i> ebhalwe nguNV Mkonto: amaphepha 22–25, saze sahlelwa]	

**Jonga kumhlathi wokuqala**

- 1.1.1 Yintoni intlonipho? (1)
- 1.1.2 Nika isiqhamo sokuba nentlonipho. (1)

**Jonga kumhlathi wesibini**

- 1.1.3 Xela umsebenzi owawusenziwa yintlonipho kumntu onayo mandulo. (1)
- 1.1.4 Caphula isivakalisi esibonisa ukuba umntu ebengaqhayisi akwenza into engalunganga kuluntu. (1)

**Jonga kumhlathi wesithathu**

- 1.1.5 Ibachaphazela njani abantu into yokuphela kwezidima zamakhaya? (2)
- 1.1.6 Silahleka njani isidima sobudoda? (1)
- 1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:  
Ngumntu onjani oyimpangampanga?  
A Ngumntu onengqondo engasebenzi kakuhle.  
B Ngumntu onomzimba ongemkhulu kuyaphi.  
C Ngumntu onemali engeninzi kakhulu.  
D Ngumntu onesimilo esingesihle kwaphela. (1)

**Jonga kumhlathi wesine**

- 1.1.8 Ngqina uluvo lokuba isidima asithathi nkululeko eluntwini. (2)
- 1.1.9 Ibonisa simo sini emntwaneni into yokuphendula umzali athi, 'Ndifuze wena'? (2)

**Jonga kumhlathi wesihlanu**


- 1.1.10 Nika into ibe NYE awayeyolele ngayo uNtsikana echaphazela gwenxa izimo zolutsha. (1)
- 1.1.11 Inganaziphumo zini into yokungawulandeli umyolelo wabazali ngokoluvo lwakho? (2)

**Jonga kumhlathi wesithandathu**

- 1.1.12 Kulungile ukuncama isidima ngenxa yokufuna ulonwabo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesixhenxe**

- 1.1.13 Shwankathela ngesivakalisi ESINYE imeko ababakuyo abantu ngenxa yokukopa kwezinye iintlanga. (1)
- 1.1.14 Ufunde ni wena kumhlathi wesixhenxe? (2)

**1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

[Ucatshulwe kwi-intanethi-[www.google.com](http://www.google.com)]

- 1.2.1 Nika into engaqhelekanga eyenzeka kulo mfanekiso. (1)
- 1.2.2 Bonisa into ibe NYE echaza ukuba le ntombazana ikulo mfanekiso ayimhoyanga umntu omdala othetha embokweni. (1)
- 1.2.3 Iveza ntoni into yokuthetha embokweni kwalo mntu mdala? (2)
- 1.2.4 Ucinga ukuba izixhobo zonxibelelwano ezisetyenziswe kulo mfanekiso zingaluphucula unxibelelwano phakathi kolutsha nabadala? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.5 Ngqina ngokwenzeka kulo mfanekiso nokwenzeka KWISICATSHULWA A kumhlathi wesi-6 ukuba ukungabi nasimilo akunabudala. (4)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: USHWANKATHELO****UMBUZO 2**

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA C esingezantsi. Kwesi sicutshulwa kuthethwa ngokuthetha.

**QAPHELA:** Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ungacaphuli njengoko kubhaliwe kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela ngomhlathi kuphela.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C****UKUTHETHA**

Ukuthetha sesinye sezipho zendalo ezanikwa izidalwa ukuze zibe nakho ukudlulisela oko zikucingayo, zikugqithisela kwezinye izidalwa ngokohlobo lwazo. Sicinga ukuba abantu zezona zidalwa zikuphiwe ngokukhulu ukwazi nokuva nokuqonda intetho. Sisitsho nje phofu, sitsho kuba singazazi iintetho zezinye izidalwa.

Kwezasekhaya izidalwa ezihlala nomntu imihla ngemihla, umntu ude abe nokucaphula intwana entethweni yazo, nazo zicaphule intwana kweyakhe intetho. Ngohlobo etsho ngalo inkomo ukuthi, 'Mho!' uyaqonda umntu ukuba yinkunzi yenkomo iqephula iziduli, isiphula izicithi, icela uphondo. Uyazi ukuba yimazi ifuna ithole layo, okanye ithole lifuna unina. Uyazi ukuba yinkomo ixelela ezinye ukuba kukho inkomo efele kuloo ndawo.

Obu bunzima bokuyiqonda intetho bukho naphakathi komntu nomnye umntu xa abo bantu bahlukene ngobuhlanga. Kungenxa yobu bunzima le nto kukho izikolo ekuthi phakathi kwezinto ezifundiswayo kufundwe iilwimi ngeelwimi, luze luthi olo lwimi luthe lwasamela, ngenxa yorhwebo nangokusasazwa kolwazi, lufundwe ngumntu wonke njengesingesiNgesi kule mihla.

Ukuthetha kumnandi, ukuthetha kubi. Kumnandi ukuthetha kwabantu abathandanayo, abahleli beyilumkele into yokuba makungaphumi lizwi lenzakalisa omnye, ekuthi nokuba omnye lithe lamphuluka abuye ayibuyekeze loo mpazamo ngokucela uxolo. Kaloku ilizwi elirhabaxa livusa umnye, kanti ilizwi elithambileyo lilalisa uboya. Kubi ukuthetha okunyhukulayo, ongafika abantu behleli ngathi yikati nenja, kungekho luxolo phakathi kwabo.

Kumnandi ukuthetha kwendoda emxhelo wophukileyo ngokonakala kwezinto zakowayo. Wofika icikoza ithetha kwiingqungquthela ngeengqungquthela ibonisa izinto emaziyekwe ukwenziwa kuba zinxamnye nezithethe kwanokusesikweni. Wofika ifundisa ngezinto zokuphakamisa uhlanga nokuphumelelisa intlalo-ntle phakathi kwabantu.

Kubi ukuthetha komntu ohlebayo obadla izithende abanye abantu, kuthi kuba umlomo awubekwa siziba, loo ntlebendwane ibuye ize kufika ezindlebeni zalowo ubehlelywa, ibe yingxabano nentiyano phakathi kwakhe nomhlebi.

Kumnandi ukuthetha kwembongi, ethi kuba yona inelungelo lobumbongi, ibacubhule abantu ngokuthetha izinto ezi zingathethwayo. Kwayona le mbongi iyakwazi ukuthetha izinto ezichukumisayo, ezitsho igazi lihlobe, abantu baziphathe ngeenkophe iinyembezi.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *AMAVO AMAFUTSHANE* ebhalwe ngu A Madala: amaphepha 70–72 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBULO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**

**KWANGCIBINTANDA C.C.**  
**UMANYANO NGAMANDLA!!!**

Uxakene nokusombulula iingxabano zabasebenzi bakho?  
Chwechwela kwii-ofisi zethu!  
SingooNgqaphambili ekubuyiseni isidima kubanini mashishini.

Uqhwayaza nje iliso, libe ishishini lakho seliyiphindaphinda kalishumi ingeniso.  
Luphela nya ukruthakruthwano kubasebenzi, kubuye isidima babe yimbumba yamanyama.



Sityelele ku[www.ngciba.com/0912789012](http://www.ngciba.com/0912789012) sivuselele ishishini lakho

[Sicatshulwe kwi-intanethi-[www.google.com](http://www.google.com)]

- 3.1 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.2 Kutheni libhalwe ngefonti enkulu igama 'kwaNgcibintanda'? (1)
- 3.3 Chonga isivakalisi esibonisa ulwimi oluqhathayo olukwesi sibhengezo-ntengiso. (2)
- 3.4 Kubonisa ntoni oku kutsalatsalana kwala maqela mabini ngokwalo mfanekiso? (1)

- 3.5 Lunanzuzo ni umanyano kubanini mashishini ngokwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.6 Uphuhlisa luvo luni umbhali ngokungakhethi sini kula maqela mabini atsalanayo? (2)
- 3.7 Bhala isichasi sesenzi esingezantsi:  
'Chwechwela' (1)
- 3.8 Nika isilogani esithetha into ENYE nesi sesi sibhengezo-ntengiso 'Umanyano Ngamandla'. (1)
- [10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

Funda esi SICATSHULWA E uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E****MAMA TAXI**

NguGavin Thomson



[Icatshulwe kwi-intanethi-[mamataxi.blogspot.com](http://mamataxi.blogspot.com)]

- 4.1 Uzama ukuveza ntoni umbhali ngenkangeleko yomntu omi ecaleni kwebhasi KWIBHOKISI YOKU-1? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Nika isithethantonye segama 'khawundincazele' elisetyenziswe kwikhathuni.
- A Khawundiboleke  
B Khawundithengisele  
C Khawundiphe  
D Khawundingcamlise (1)
- 4.3 Abonisa ntoni amazwi omntu othetha KWIBHOKISI YESI-2 ngesimo sakhe? (1)
- 4.4 Umsi wemoto EKWIBHOKISI YESI-3 unagalelo lini kokusingqongileyo? (2)
- 4.5 Yintoni injongo yombhali ngale khathuni? (2)
- 4.6 Injani imvakalelo yomntu othetha KWIBHOKISI YESI-3? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**

**UMBUZO 5: ISICATSHULWA**

Funda esi SICATSHULWA F uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F****IMBUYEKEZO**

- |   |   |    |
|---|---|----|
| 1 | UMakinana wayegqibe amashumi eminyaka esebenza <u>kuloo</u> mzi. Ngalo lonke ixesha akazange enze siphoso. Nawuphi na umntu okhonze iminyaka engako uyanconywa kube ngaphezulu xa <b>ingumntu</b> omnyama esebenza esitoreni sabeLungu.   |    |
| 2 | Ngelo xesha wayesebenza kweso sitora baninzi abeLungu abamana befika babe ziinkosi zakhe bonke wabakhonza ngolulamo olukhulu, amaxesha amaninzi enyamezele umvambo.   | 5  |
| 3 | Ngaminazana ithile, <u>wagagana</u> nomphathi ofikayo; wamxelela ukuba uzidla ngobudala, 'woniwe' ngabaphathi ababekho ngaphambili; waze kwaoko wambonisa ibhatyi yakhe.  | 10 |
| 4 | UMakinana wahlala iinyanga zontandathu, edinga umsebenzi ngokulusizi. Kwathi kwakuba lapha nemalana awaye eyigcinile yaphela. Yaqala ke indlala yadlala ngaye. Waye evuka ngonyezi, abuye ngongcwalazi, ebuya ephacuzisa.   |    |
| 5 | Kuthe ngenye imini, wadibana nomLungu wakhe omdala, uMnumzana Thomson. UMakinana noMnu. Thomson babesebenza kwesinye isitora ngaphambi kokuba aqeshwe kwesi achithwe kuso, kwaye baye bevana kakhulu. Yiyo ke le nto namhlanje behlangabezana ngobubele. Kungokunje uMnu Thomson lo wayesele esisigwili, engumjikelezi othengisa impahla. | 15 |
| 6 | Waba lusizi kunene akuliva ibali likaMakinana, wavelana kakhulu naye. Wavuyiswa yinto yokuba yena kanye ngaloo mini waye efuna isicaka sokumqhubela imoto yakhe. Kwalapho ke baqeshana.   | 20 |

[Sicatshulwe kwincwadi ethi IMBANDU ebhalwe nguGB Sinxo amaphepha76–77, saze sahlelwa]

- 5.1 Sicacisa ntoni isihlomelo esikrwelwe umgca ngaphantsi?  
UMakinana wayegqibe amashumi eminyaka esebenza kuloo mzi. (1)
- 5.2 Xela udidi lwesibanjalo esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi.  
Nawuphi na umntu okhonze iminyaka engako uyanconywa; kube ngaphezulu xa **ingumntu** omnyama esebenza esitoreni sabeLungu. (1)
- 5.3 Sisetyenziswe njani isimelabizo esibhalwe bukekela kwisivakalisi esingezantsi?  
*Bonke* wabakhonza ngolulamo olukhulu. (1)
- 5.4 Nika isithethantonye seli gama: 'Wagagana' elifumaneka kumhlathi wesi-3. (1)
- 5.5 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha eliya kuza.  
Yiyo ke le nto namhlanje behlangabezana ngobubele. (2)

- 5.6 Lungisa isiphene kwesi sivakalisi silandelayo.  
Kungokunje uMnu Thomson lo wayesele esisigwili. (1)
- 5.7 Luhlobo luni lwesakhi olukrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo?  
UMakinana noMnu. Thomson babesebenza ... (1)
- 5.8 Guqula isivakalisi esingezantsi sibe kwimo elandulayo.  
Waba lusizi kunene. (2)  
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**  
**AMANQAKU EWONKE: 70**